

10 reasons to use picture books

November is International Picture Book Month – a time to celebrate those special books that capture our imagination with their carefully chosen words and beautiful illustrations. Here are ten reasons to make picture books part of your children's reading life!



Izizathu ezi-10 zokusebenzisa iincwadi zemifanekiso

EyeNkanga yiNyanga yeZizwe ngeZizwe yeeNcwadi zeMifanekiso – ixesha lokubhiyozela ezo ncwadi zikhethekileyo nezithabathekisayo ngokubhekiselele kwimifanekiso-ntelekelelo yethu nezinaloo magama azo akhethwe ngenzondelelo nezizotyelwe eyona mifanekiso mihle. Nazi izizathu ezilishumi zokwenza iincwadi zemifanekiso zibe yinxalenye yobomi bokufunda babantwana bakho!

- 1. Essential resources.** Picture books are meant to be read aloud, so this makes them the perfect reading resource for sharing stories with children.
- 2. Learning how stories work.** As we read picture books to children, we can invite them to comment on the story and ask questions about it. This deepens their understanding of the story and also helps them to learn about the way in which stories and books work. This knowledge makes learning to read easier.
- 3. Talk about the book.** Reading a picture book together encourages conversations about what's happening in the story, what the characters are feeling, the meanings of words, and how what's happening in the story might relate to your children.
- 4. Developing children's language.** Picture books offer children a language feast! Through the rhythm and rhyme in many of these books, children experience the sounds of our languages. And, because picture books use fewer words than novels, the words that are chosen and how they are used, are very important. So, the rich use of language in these books develops and extends children's own use of language.
- 5. An invitation to join in.** The repetition of sentences or phrases in some picture books, allows children to join in by saying those words of the story, even before they are able to actually read them.
- 6. Learning about picture clues.** As you read picture books to children, they learn that the pictures help to tell the story and give clues to what the words are. Understanding this is essential to learning to read.
- 7. Reading pictures.** In a picture book, the illustrations are as important as the text. Reading a picture book means exploring the art in it as well. This gives children practice at interpreting pictures.
- 8. Developing empathy.** Picture books help children to learn how to step into someone else's shoes and to see life from a different perspective. Developing the ability to do this takes lots of practice, and picture books provide a place to start the process.
- 9. Safe spaces to explore.** Picture books often explore challenging questions or topics. They offer their readers opportunities to find their own answers to difficult questions, such as, "What is love?" and "Are there situations where it's okay not to tell the truth?"

- 1. Imithombo ebalulekileyo.** Iincwadi zemifanekiso zimele ukufundwa ngokuvakalayo, oko ke kuzenza zibe yeyona mithombo igqibeleleyo yokwabelana ngamabali nabantwana.
- 2. Ukufunda indlela asebenza ngayo amabali.** Xa sifundela abantwana iincwadi zemifanekiso, singabamema ukuba benze amagqabantshintshi ngebali bandule ukubuza imibuzo ngalo. Oku kwenza baliqonde nzulu ibali kwaye kubanceda ukuba bafunde ngendlela amabali neencwadi ezisebenza ngayo. Olu lwazi lwenza ukufunda ukufunda kube lula.
- 3. Ukuncokola ngencwadi.** Ukufunda kunye incwadi yemifanekiso kukhuthaza incoko ngoko kwenzekayo ebalini, iimvakalelo zabalinganiswa, iintsingiselo zamagama, kunye nokunxulumana kweziganeko zebali nobomi babantwana bakho.
- 4. Ukuphuhlisa ulwimi lwabantwana.** Iincwadi zemifanekiso zinika abantwana ithuba lokungcamlala kubuncwane bolwimi! Abantwana bafumana amava okusetyenziswa kwezandi zeelwimi zethu navezwa sisingqi, uphindaphindo kunye nemvanosiphelo ezikuninzi lwezi ncwadi. Kwaye, ngenxa yokuba iincwadi zemifanekiso zisebenzisa amagama ambalwa kuneenoveli, ibaluleke kakhulu indlela akhethwe nasetyenziswe ngayo loo magama. Ngoko ke, indlela ulwimi olutyebileyo olusetyenziswe ngayo kwezi ncwadi iphuhlisa ze yandise indlela abantwana abalusebenzisa ngayo olwabo ulwimi.
- 5. Ukumema abantwana ukuba bajoyine ekufundeni.** Ukuphindaphindwa kwezivakalisi okanye amabinzana kwezinye iincwadi zemifanekiso, kunika abantwana ithuba lokuba bazibandakanye ekubizweni kwaloo magama asebalini, nangaphambi kokuba bakwazi kwa-ukuwafunda.
- 6. Ukufunda ngentsingiselo yemifanekiso.** Xa ufundela abantwana iincwadi zemifanekiso, bafunda ukuba imifanekiso iyanceda ekubaliseni ibali kwaye inika nenkomba-ndlela yokuba athetha ntoni na loo magama. Ukuqonda oku kubalulekile ekufundeni ukufunda.
- 7. Ukufunda, uqonde imifanekiso.** Encwadini yemifanekiso, imizobo ibaluleke njengamagama. Ukufunda incwadi yemifanekiso kuthetha ukuphonononga ubugcisa obuqulethwe kuloo mifanekiso kanaanjalo. Oku kunika abantwana ithuba lokuziqhelisa ukutolika imifanekiso.
- 8. Ukuphuhlisa uvelwano.** Iincwadi zemifanekiso zinceda abantwana ukuba bafunde ukungena ezihlangwini zomnye umntu ukuze babubone ubomi ngendlela eyahlukileyo. Ukuphuhlisa ulwazi lokwenza oku kuthatha ixesha elide lokuziqhelisa, kwaye iincwadi zemifanekiso zinika ithuba nendawo efanelekileyo yokuqalisa loo nkqubo inde.
- 9. Iindawo ezikhuselekileyo zokuphonononga.** Iincwadi zemifanekiso zisoloko zibuza imibuzo okanye ziphonononge izihloko eziyimingeni. Zinika abafundi bazo amathuba okufumana ezabo iimpindulo zemibuzo enzima, efana nalo uthi, "Yintoni uthando?" kunye nalo uthi, "Ingaba zikhona kusini na iimeko apho kulungileyo ukungathethi nyaniso?"
- 10. Zifanelwe zizo zonke izigaba zobudala.** Ngenxa yokuba iincwadi zemifanekiso zinamagama ambalwa kuzo xa kuthelekiswa neenoveli, abantu bakhulisa ukucinga ukuba zifanelwe ngabantwana abaselula kuphela. Asiyonyaniso leyo! Ezinye iincwadi zemifanekiso zilungiselelwe ukuba ziqhelanise abantwana abaselula kakhulu namabali kunye neencwadi. Kodwa zikwaninzi nazo iincwadi zemifanekiso ezithandwa ngabantwana abakhudlwana – nkqu nabo sebefikisa! Ezi ncwadi zemifanekiso zinezakhiwo zamabali ezinobugocigoci okanye ziphonononga imibandela nezimvo abazaziyo abantwana abadadlana. Ngoko ke, iincwadi zemifanekiso zifanele ngokugqibeleleyo abantwana bazo zonke izigaba.

We will be taking a break until the week of 13 January 2019. Join us then for more Nal'ibali reading magic!

Siza kukhe sithathe ikhefu kude kube yiveki yomhla we-13 kweyomQungu kowama-2019. Uze usijoyine ngoko ukuze ufumane omnye omninzi ummangaliso wokufunda kaNal'ibali!

10. Suitable for all ages. Because picture books have fewer words in them than novels, people often think that they are only meant for young children. This is not true! Some picture books are meant to introduce very young children to stories and books. But there are also lots of picture books that appeal to older children – and even teenagers! These picture books have more complicated storylines or explore issues and ideas which older children can relate to. So, picture books are perfect for children of all ages.



Drive your imagination

Join us. Share stories in your language every day. Sijoyine. Balisa amabali ngolwimi lwakho yonke imihla.



The Na'ibali bookshelf



Ishelufa yeencwadi yakwaNa'ibali



In celebration of International Picture Book Month, here are a few of the latest children's picture books published in South Africa.

Mpumi's magic beads

Author: Lebohang Masango

Illustrator: Masego Morulane

Publisher: David Philip/New Africa Books



Mpumi and her friends discover the magic in her hair, and what begins as an ordinary school day in Johannesburg, is suddenly full of adventure! This is a story about friendship, self-esteem, discovery and beautiful hair. It is available in all South African languages.

Xa kubhiyozelwa iNyanga yeZizwe ngeZizwe yeeNcwadi zeMifanekiso, nazi iincwadi ezimbalwa zabantwana ezizezona zintsha ezipapashwe eMzantsi Afrika.

Amaso amangalisayo kaMpumi

Umbhali: Lebohang Masango

Umzobi: Masego Morulane

Umpapashi: David Philip/New Africa Books





UMpumi nabahlobo bakhe bafumanisa ubugqi ezinweleni zakhe, kanti usuku oluqalise njengosuku oluqhelekileyo lwesikolo eGoli, lujika ngephanyazo luphuphume ludelongozi! Eli libali elimalunga nobuhlobo, ukuzithemba, ukufumanisa izinto ezintsha neleenwele ezintle. Lifumaneka ngazo zonke iilwimi zaseMzantsi Afrika.

Goldilocks and the Three Rhinos

Author and illustrator: Joan Rankin

Publisher: Jacana Media

Goldilocks was not supposed to be in the forest alone, but she didn't always do as she was told. When she stumbles across the Rhino family's home, she unknowingly gets mixed up in their daily activities. This classic tale has been retold in an African setting. It is available in English, Afrikaans, isiXhosa and isiZulu.



UNwelezelanga neMikhombe emithathu

Umbhali nomzobi: Joan Rankin

Umpapashi: Jacana Media


UNwelezelanga wayengafanelanga kuba sehlathini yedwa, kodwa wayesoloko engayenzi into ayixelelweyo. Akuba ebhude izingqi esanqumla kwikhaya losapho lweMikhombe, wasuka wazibhaqa ethe galakaxa emisebenzini yayo yemihla ngemihla. Eli bali lodidi liphinde labaliswa kwakhona kwisimo sentlalo saseAfrika. Lifumaneka ngesiNgesi, ngesiAfrikansi, ngesiXhosa nangesiZulu.

The Singing Stone

Author: Wendy Hartmann

Illustrators: Chantelle and Burgen Thorne

Publisher: Jacana Media



Ilitye eliculayo

Umbhali: Wendy Hartmann

Abazobi: Chantelle noBurgen Thorne

Umpapashi: Jacana Media



A young girl has a beautiful stone that her parents gave to her when she was born. When she holds this stone and sings, everyone in the village stops to listen. But when she is tempted by an old woman to sing songs that can control the wind and the ocean, things go wrong. With her brothers and all the other fishermen lost at sea, will she be able to undo the things that she has done? This book is available in English, Afrikaans, isiXhosa and isiZulu.



Intombazanana inelitye elihle eyaliniwa ngabazali bayo ngexesha lokuzalwa kwayo. Xa ilibambile eli litye ize icule, wonke umntu elalini uyema amamele. Kodwa xa iilingwa lixhegokazi ukuba icule iingoma ezinokulawula umoya nolwandlekazi, izinto ziyonakala. Emva kokulahleka kwabantakwayo nabo bonke abanye abalobi elwandle, ingaba iza kukwazi ngoku ukuchitha izinto ezenzileyo? Le ncwadi ifumaneka ngesiNgesi, ngesiAfrikansi, ngesiXhosa nangesiZulu.

Anna Carries Water

Author: Olive Senior

Illustrator: Laura James

Publisher: Jacana Media



UKgolo Uthwele Amanzi

Umbhali: Olive Senior

Umzobi: Laura James

Umpapashi: Jacana Media



Anna fetches water from the spring every day, but she can't carry it on her head like her older brothers and sisters. In order to achieve her goal, Anna has to overcome her fear. This family story shows young readers the power of determination. It is available in English, Afrikaans, isiXhosa and isiZulu.



UKgolo uhamba aye kukha amanzi emthonjeni yonke imihla, kodwa akakwazi kuwangcekelela njengabantakwabo noodadewabo abadala kuye. Ukuze aphumelele kwinqongo yakhe, uKgolo ufaneele ukumthoba uvalo. Eli bali losapho libonisa abafundi abaselula amandla oloyiso ekuzimiseleni. Lifumaneka ngesiNgesi, ngesiAfrikansi, ngesiXhosa nangesiZulu.

I am earth and I am water

Author and illustrator: Thembinkosi Kohli

Publisher: David Philip/New Africa Books

These picture books encourage readers to connect with the world we live in. The bright and cheerful illustrations and short pieces of text, explain not only the wonder of water and the earth, but also their importance in our everyday lives. These books are available in all South African languages.



Ndingumlaba nethi Ndingamanzi

Umbhali nomzobi: Thembinkosi Kohli

Umpapashi: David Philip/New Africa Books

Ezi ncwadi zemifanekiso zikhuthaza abafundi ukuba banxibelelane nehlabathi esiphila kulo. Imizobo eqaqambileyo nenomtsalane kunye neziqendu ezifutshane zokubhaliweyo, azichazi kuphela ummangaliso omalunga namanzi nomhlaba, kodwa ziphinda zichaze nokubaluleka kwazo ebomini bethu bemihla ngemihla. Ezi ncwadi zifumaneka ngazo zonke iilwimi zaseMzantsi Afrika.

Celebrate picture books!

Bring picture book stories to life with your children by doing some of these activities together.

Write a review. Ask your children to decide what their favourite picture book is and encourage them to think about what makes it their favourite. Let them cut paper into heart shapes that are big enough to write on. Then suggest that they write the title of the book and the author's and illustrator's names on one side of the heart. On the other side, invite them to write a review saying why this particular book is their all-time favourite! (You can adapt this activity for younger children, by cutting the heart shapes for them and writing down what they tell you about their favourite book.)



Bhiyozelani iincwadi zemifanekiso!

Wena nabantwana bakho yenzani amabali eencwadi zemifanekiso ukuba aphile ngokuthi nenze eminye yale misebenzi kunye.

Bhalani ingxelo. Cela abantwana bakho ukuba benze isigqibo ngokuba yeyiphi eyona ncwadi yemifanekiso bayithanda kakhulu uze ubakhuthaze ekucingeni ukuba ingaba yenziwa yintoni ukuba ibe yeyona bayithanda kakhulu. Yithi mabasike amaphepha emilo yentliziyo amakhulu ngokwaneleyo ukuze babhale kuwo. Emva koko bacebise ukuba babhale isihloko sencwadi kunye negama lombhali nelomzobi ngokunjalo kwelinye icala lentliziyo. Kwelinye icala, bacele ukuba babhale ingxelo baxele ukuba kutheni yona yodwa le ncwadi isoloko iyileyo bayithanda kakhulu! (Unakho ukuwulunga-lungisa lo msebenzi ufanele nabantwana abaselula ngakumbi, ngokubasikela amaphepha emilo yentliziyo nokubabhalela abakuxelela kona malunga neyona ncwadi bayithanda kakhulu.)

Act out the story. Choose a well-loved story with exciting characters and a strong story line. With your children, write down what each character says and let them choose who they want to be! Provide story props, like pieces of fabric, hats, shoes or scarves and act out the story together.



Lidlaleni eli bali. Khetha ibali elithandwa kakhulu nelinabalinganiswa abachwayitisa ngokunjalo nesakhiwo sebali esomeleleyo. Wena nabantwana bakho, bhalani phantsi okuthethwa ngumlinganiswa ngamnye ukuze umntwana akhethe umlinganiswa afuna ukuba nguye! Banike izikhokelo zebali, ezifana namalatshana, iminqwazi, izihlangu okanye izikhafu ngokunjalo nilidlale kunye ibali.




Create a name book. Do this with younger children or invite older children to make a book for a younger family member. Write each letter of your child's name on a separate sheet of paper. Then let your children draw or find pictures of their favourite things for each letter of their name, for example, for the letter **B**: a banana, a ball and a book.



Yilani incwadi yamagama. Kwenze oku nabantwana abancinane okanye mema abantwana abadadlana ukuba ingulowo enzele ilungu losapho elincinane. Bhala unobumba ngamnye wegama lomntwana wakho ephepheni elihamba lodwa. Emva koko abantwana bakho mabazobe okanye bafumane imifanekiso yezona zinto zabo bazithanda ngonobumba ngamnye wegama labo, umzekelo, ngonobumba ongu**B**: ubisi, ibhanana, ibhola.

Try a new book. Choose a picture book that none of you has read before. Read the title together. Then page through the book, and while looking at the pictures, tell your own story to go with them. Afterwards, read the story that the author wrote. How was the story you told similar and/or different to the one that the author wrote?



Zamani incwadi entsha. Khetha incwadi yemifanekiso ekungekho mntu okhe wayifunda kuni ngaphambili. Fundani isihloko kunye. Emva koko, yityhileni yonke incwadi, nize niithi nisabuka imifanekiso, ubalise ibali lakho elihambelana nayo. Ngoku, funda ibali elibhalwe ngumbhali. Ingaba ibali olibalisileyo lifana kwaye/okanye lahluka njani kwelibhalwe ngumbhali?

Have a picture-book party. Plan to have a "We love picture books" party. Display the heart-shaped book reviews your children wrote for everyone to read and ask your guests to bring along a few picture books. Make some extra blank hearts so that your guests can write their own reviews if they want to. Invite everyone to read their favourite books to each other. (Younger children can use the pictures in a book to retell the story.) Here are some other activities you could do at the party.

- ★ Paint new covers for or scenes from your favourite picture books.
- ★ Make finger puppets or story props to retell a story from a picture book.
- ★ Create your own picture-book stories.
- ★ Dress up as your favourite story characters.
- ★ Act out a picture-book story.

Yibani netheko leencwadi zemifanekiso. Yenza amalungiselelo etheko lalo mxholo "Sithanda iincwadi zemifanekiso". Bonisa iingxelo zophononongo ngeencwadi ezinemilo yentliziyo ezibhalwe ngabantwana bakho bezibhalela wonke umntu ukuba azifunde uze ucele iindwendwe zakho ukuba zize neencwadi zemifanekiso ezimbalwa. Yenzani nezinye iintliziyo ezingabhalwanga nto, ukuze iindwendwe zikwazi ukubhala ezazo iingxelo zophononongo ukuba ziyafuna ukuzibhala. Memam bonke abantu ukuba bafundelane iincwadi abazithanda kakhulu. (Abantwana abasebancinane bangasebenzisa imifanekiso esencwadini ukuphinda babalise ibali kwakhona.) Nantsi eminye imisebenzi eninokuyenza ethekwini.

- ★ Ukupeyinta amaqweqwe amatsha okanye imiboniso esezincwadini zenu zemifanekiso enizithanda kakhulu.
- ★ Ukwenza oonopopi abancinane okanye izikhokelo zebali ukuze liphinde libaliswe kwakhona ibali elisencwadini yemifanekiso.
- ★ Ukuyila amabali angawakho encwadi yemifanekiso.
- ★ Ukunxiba njengabalinganiswa bebali lakho olithanda kakhulu.
- ★ Ukudlala ibali lencwadi yemifanekiso.

Keep the picture books that you love the most. One day when you are an adult, you will open them up again, and how you felt as a child will come flooding back to you!
Niki Daly

Gcina iincwadi zemifanekiso ozithanda kakhulu. Ngenye imini xa ungumntu omdala, uya kuphinda uzivule kwakhona, ukuze indlela owaziva ngayo usengumntwana ibuye igaleleka kuwe!
nguNiki Daly



Get story active!

Here are some ideas for using the two cut-out-and-keep picture books, *Frederick* (pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12) and *Can you?* (pages 9 and 10), as well as the Story Corner story, *The lion and the monkey* (page 14). Choose the ideas that best suit your children's ages and interests.



Frederick

A family of mice are working hard to gather what they will need for the coming winter. But Frederick doesn't seem to be helping and the other mice get cross with him. However, during the long cold winter, Frederick proves that what he has to share is just as useful as the things they gathered.

- ✿ After you have read the story to your children, discuss these questions or other ones that interest them.
 - 🍃 What food would you choose to collect for the winter and why?
 - 🍃 What do you think of what Frederick does and doesn't do?
 - 🍃 Which of these do you think is the most important: food, words or stories? Why do you think that?
- ✿ Provide your children with playdough, bottle tops, stones, leaves, seeds, shells and sticks. Let them use these to recreate scenes from the story.
- ✿ Encourage your children to use playdough to make mice and then to use them to tell stories of their own.
- ✿ Together write down ideas for what a mouse's house might look like and have in it.
- ✿ Encourage your children to make little storybooks on tiny pieces of paper for the mice in the story.



Can you?

On each page of this book, the children do different fun actions that will make the reader smile! The repetition and humour make this book highly suitable for younger children.

- ✿ As you read the story, invite your children to try doing the actions. Which ones do they enjoy doing the most?
- ✿ After you have read the story, invite your children to look at the pictures again. This time draw their attention to the cat and talk about what the cat is doing in each of the pictures.
- ✿ Use paper and a stapler or string to make blank books. Offer these to your children so that they can create their own "Can you?" or "I can ..." books. Encourage them to read their finished books to you and each other.



The lion and the monkey

The lion, who has been trapped in a hunter's pit, begs a passing monkey for help. The monkey doesn't trust the lion, but finally the lion persuades him to hang his tail into the pit so that the lion can pull himself out. The problem is that once the lion is out of the pit, he won't let go of the monkey's tail! The monkey knows he is in terrible danger, but a clever old woman comes to his rescue.

- ✿ After you have read the story, talk to your children about the lessons they think the lion should have learnt from what happened. Then encourage them to write a letter to the lion to remind him of these things.
- ✿ Use paper plates, scissors, paper, paint and glue to create lion and monkey masks. Use sticky tape to attach them to long sticks. Then have fun acting out the story with your masks.



Yenza ibali linike umdla!

Nazi ezinye izimvo ngokusetyenziswa kweencwadana ezimbini zemifanekiso onokuzisika-ze-uzigcine, *UFufu* (iphepha le-5, ele-6, ele-7, ele-8, ele-11 nele-12) ethi *Ungakwazi?* (iphepha le-9 nele-10), ngokunjalo nebali leNdawo yaMabali, *Ingonyama kunye nenkawu* (iphepha le-15). Khetha izimvo ezizezona zilungele ubudala nemidla yabantwana bakho.

UFufu

Usapho lweempuku lusebenza nzima luqokelela oko liza kukudinga kubusika obuzayo. Kodwa uFufu yena ngathi akancedisi zide zimqumbele ezinye iimpuku. Nangona kunjalo, ngethuba lobusika obubandayo obude, uFufu ubabonisa ukuba oko aza kwabelana nabo ngako nako kubaluleke ngokufanayo noko bakuqokeleleyo.

- ✿ Emva kokuba ufundele abantwana bakho ibali, xoxa ngale mibuzo okanye ngeminye abanomdla kuyo.
 - 🍃 Kokuphi ukutya onokukukhetha xa uqokelelela ixesha lasebusika kwaye ngokuba kutheni?
 - 🍃 Ucinga ntoni ngento eyenziwa nguFufu nangayenziyo?
 - 🍃 Yeyiphi kwezi ocinga ukuba ibaluleke kakhulu: ukutya, amagama okanye amabali? Kutheni ucinga njalo?
- ✿ Nika abantwana bakho udongwe lokudlalisa, izivingco zeebhotele, amatye, amagqabi, imbewu nezinti. Mabasebenzise ezi zinto ukuze bayile imiboniso ngokutsha ngokusebenzisa ibali.
- ✿ Khuthaza abantwana bakho ukuba basebenzise udongwe lokudlalisa ukwenza iimpuku baze bazisebenzisele ukubalisa amabali angawabo.
- ✿ Ninonke bhalani izimvo malunga nokuthi ingaba indlu yempuku injani kwaye inantoni kuyo.
- ✿ Khuthaza abantwana bakho ukuba benze iincwadi zamabali ezincinane emaphepheni amancinane ukwenzela iimpuku ezisebalini.

Ungakwazi?

Kwiphepha ngalinye lale ncwadi, abantwana babonisa iintshukumo ezibonwabisa ezahluka-hlukileyo eziza kwenza umfundi ukuba ancume! Uphindaphindo nokuhlekisa okule ncwadi kuyenza ibalungele kakhulu abantwana abancinane.

- ✿ Xa uqhuba ngokufunda ibali, cela abantwana bakho ukuba bazame ukwenza iintshukumo. Zeziphi ezona bazonwabela kakhulu?
- ✿ Emva kokuba ugqibile ukufunda ibali, cela abantwana bakho ukuba baphinde bajonge imifanekiso kwakhona. Kweli thuba tsalela ingqalelo yabo ekatini nize nithethe ngento eyenziwa yikati emfanekisweni ngamnye.
- ✿ Sebenzisa iphepha nesiteyipla okanye umtya wokwenza iincwadi ezingabhalwanga nto. Nika abantwana bakho ezi zinto ukuze bakwazi ukuyila okwabo. "Ungakwazi?" okanye "Ndingakwazi ..." iincwadi. Bakhuthaze ukuba bakufundele futhi bafundelane iincwadi zabo ezigqityiweyo.

Ingonyama kunye nenkawu

Ingonyama, ebanjiswe emgibeni womzingeli ongumngxuma, icela inkawu edlulayo ukuba iyincede. Inkawu ayiyithembi ingonyama, kodwa ekugqibeleni ingonyama iyayicenga ukuba ihlise umsila wayo ukuze ikwazi ukugwencela. Ingxaki kukuba ithe yakuphuma ingonyama emngxuneni ayafuna ukuwuyeka umsila wenkawu! Inkawu iyazi ukuba isengozini enkulu, kodwa ixhegokazi elikrelekrele liyayisindisa.

- ✿ Wakuba ufunde ibali, thetha nabantwana bakho ngezifundo abacinga ukuba zifundwe yingonyama kokwenzekileyo. Emva koko bakhuthaze ukuba babhalele ingonyama ileta apho bayikhumbuza khona ngezi zinto.
- ✿ Sebenzisani iipeyiti zamaphepha, izikere, amaphepha, ipeyinti neglu ukwenza iimaski zobuso benkawu nobengonyama. Sebenzisa iteyiphu encamatheleyo ukuzincamathelela kwizinti ezinde. Emva koko, zonwabeleni nizenzela umdlalo weqonga osekelwe kweli bali.


Create TWO cut-out-and-keep books

Can you?

1. Tear off page 9 of this supplement.
2. Fold the sheet in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again along the green dotted line to make the book.
4. Cut along the red dotted lines to separate the pages.

Frederick

1. To make this book use pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12.
2. Keep pages 7 and 8 inside the other pages.
3. Fold the sheets in half along the black dotted line.
4. Fold them in half again along the green dotted line to make the book.
5. Cut along the red dotted lines to separate the pages.



Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine


Ungakwazi?

1. Krazula, ukhuphe iphepha le-9 lolu hlelo.
2. Lisonge phakathi ulandela umgcana ongamachaphaza amnyama.
3. Lisonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
4. Sika ke ngoku ulandela imigcane yamachaphaza abomvu ukohlula amaphepha.

UFufu


1. Xa usenza le ncwadi sebenzisa iphepha le-5, ele-6, ele-7, ele-8, ele-11, nele-12.
2. Faka iphepha le-7 nele-8 ngaphakathi kwamanye amaphepha la.
3. Wasonge la maphepha phakathi kumgcana ongamachaphaza amnyama.
4. Wasonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
5. Sika ke ngoku ulandela imigcane yamachaphaza abomvu ukohlula amaphepha.





In the beginning there was lots to eat, and the mice told stories of foolish foxes and silly cats. They were a happy family.

Ekugaleni kwabakho into eninzi yokutya, zaze iimpuku zabalisa amabali eengcuka ezingenangqondo naweckati ezisileyo. Zazilusapho olonwabileyo.



The winter days came, and when the first snow fell the five little field mice took to their hideout in the stones.

Zagaleleka zona iintsuku zobusika, ze kwathi xa kugala ukukhithika ikhophu, iimpukwana ezintlanu zedlelo zazimela ematjeni.



We publish what we like

This is an adapted version of *Frederick* published by Jacana Media and available in bookstores and online from www.jacana.co.za. This story is available in English, Afrikaans, isiXhosa, isiZulu and Sesotho. Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to www.jacana.co.za.

Funda ibali eliyintsusa elithi, *UFufu* elishicilelwe yiJacana Media kwaye lifumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi-intanethi ku-www.jacana.co.za. Eli bali lifumaneka ngesiNgesi, ngesiAfrikansi, ngesiXhosa, ngesiZulu, nangeSesotho. IJacana ishicilela iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile zeJacana yiya ku-www.jacana.co.za.

© Jacana Media (World rights) Tel: 011 628 3200



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi




UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi




Frederick

UFufu

Leo Lionni
Xolisa Guzula




And once Frederick seemed half asleep,
 "Are you dreaming, Frederick?" they asked
 reproachfully.
 But Frederick said, "Oh no, I am gathering
 words. For the winter days are long and many,
 and we'll run out of things to say!"
 Kwaphinda kwabonakala ngathi
 uFufu uyozela. "Uyaphupha na, Fufu?"
 zabuza zimsola.
 Kodwa uFufu wathi, "Owu, hayi,
 ndiqokelela amagama. Kuba kaloku
 iintsuku zasebusika zinde yaye zininzi, siza
 kungatyelelwa yinto yokuthetha."




All along the meadow where the cows
 grazed and the horses ran, there was an old
 stone wall.

Kufutshane nedlelo apho iinkomo zazisitya
 khona ingca nalapho amahashe ayegqabadula
 khona, kwakukho udonga oludala lwamatye.




But little by little they had nibbled up most
 of the nuts and berries, the straw was gone, and
 the corn was only a memory. It was cold in the
 wall and no one felt like chatting.



Frederick blushed, took a bow, and said shyly,
 "I know it."

UFufu wasuka waba neentloni, wathoba, waze
 wathi ngeentloni, "Ndiyazi."

Kodwa kungekudala zazisele ziwatyeh phantse onke
 amandongomane namaqunube, indiza zaziphelle
 kwaye nombona wawusele uyinto ekhumbulekayo nje.
 Kwakubanda eludongeni kwaye kwakungekho mntu
 owayeziva efuna ukuthetha.




When Frederick had finished, they
 all applauded.

“But Frederick,” they said, “you are
 a poet!”

Uthe akugqiba uFufu, zasuka zaqhweba
 zonke iimpukwana.


“Kodwa, Fufu,” zatsho, “uyimbongi!”



In that wall, not far from the barn
 and the granary, a chatty family of field
 mice had their home.

Kolo donga, kude kufutshane
 naseshedini nakuvimba, kwakukho
 ikhaya leempuku zedlelo
 ezazingamancoko kakhulu.





Zathi ke xa zibona uFufu ezihlelele nje, ejonge edlelweni, zabuza zathi, “Ke ngoku, Fufu kwenzeka ni?”
 “Ndiqokelela imbala,” waphendula watsho uFufu.
 “Ngoba ubusika bungwevu.”



“Amagama wona, Fufu?”

UFufu wathinta isikhohlela elungisa umqala wakhe, walindela ithuba elifanelekileyo, waze ke ngoko wathi ...

“Ngubani osasaza amahlwantsi ekhephu?
 Ngubani onyibilikisa umkhenkce?
 Ngubani omosha imozulu? Ngubani oyenza ibentle?
 Ngubani okhulisa ifula lamagqabi amane ngoJuni?
 Ngubani ocima ukukhanya kwemini? Ngubani okhanyisa inyanga?
 Ziimpukwana ezine ezincinane zedlelo ezihlala esibhakabhakeni.
 Ziimpukwana ezine ezincinane zedlelo ... njengam nani.
 Enye yazo yimpuku yaseNtwasahlobo evulela imvula.
 Enye yazo ibeyimpuku yaseHlotyeni, epeyinta iintyatyambo.
 Enye yazo yimpuku yaseKwindla enamandongomane nengqolowa.
 Eyokugqibela ibeyimpuku yaseBusika ... eneenyawo ezincinci ezibandayo.
 Ingaba asithamsanqekekanga na kuba amaxesha onyaka emane?
 Khanifane nicinge ngonyaka ongenalo elinye lala maxesha ... okanye onelinye ixesha elongezelelweyo!”



“Then they remembered what Frederick had said about sun rays and colours and words.
 “What about *your* supplies, Frederick?” they asked.

Kanye ngelo xesha, zakhumbula into ezaziyelelewe nguFufu ngenmitha yelanga, imbala kunye namagama.
 “Ziphi kanene izinto *zako* obuziqokelela, Fufu?” zabuza.

nyuku nyuku nyuku nyuku

tickle tickle tickle



Tickle your tummy
Nyumbaza isisu

nyaka nyaka nyaka

wiggle wiggle wiggle



Wiggle your nose
Nyakazisa impumlo



This is an adapted version of *Can you?* published by New Africa Books and available in bookstores and online from www.loot.co.za and www.takealot.com. This story is available in the eleven official South African languages and is part of the New African Stories series – a series of beautifully illustrated children’s stories collected from across Africa.

Olu luguqulelo olulungisiweyo oluthi *Ungakwazi?* olupapashwe yiNew Africa Books kwaye lufumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi-intanethi ku-www.loot.co.za naku-www.takealot.com. Eli bali lifumaneka ngeelwimi ezilishumi elinanye zaseburhulumenteni baseMzantsi Afrika futhi liyinxalenye yothotho oluthi Amabali Amatsha Ase-Afrika – uthotho lwamabali abantwana abaliswa ngobuchule naqokelelwe kulo lonke elaseAfrika.




Nal’ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal’ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi


Can you? Ungakwazi?



Carole Bloch
Wendy Hardie




ngq! ngq! ngq!
stamp stamp stamp




Stamp your feet
Ngqisha ngenyawo

Shrug your shoulders
Tyityimba ngamagxa



shrug shrug shrug
tyityi tyityi tyityi

dliki dliki dliki
shake shake shake




Shake your body
Dlikidla umzimba

Wave goodbye
Wangawangisa isandla



wave wave wave
wanga wanga wanga



And when they saw Frederick sitting there, staring
at the meadow, they said, "And now, Frederick?"
"I gather colours," answered Frederick simply.
"For winter is grey."

"And the words, Frederick?"


Frederick cleared his throat, waited a moment, and
then, as if from a stage, he said:


"Who scatters snowflakes? Who melts the ice?
Who spoils the weather? Who makes it nice?
Who grows the four-leaf clovers in June?
Who dims the daylight? Who lights the moon?
Four little field mice who live in the sky.
Four little field mice ... like you and I.
One is the Springmouse who turns on the showers.
Then comes the Summer who paints in the flowers.
The Fallmouse is next with walnuts and wheat.
And Winter is last ... with little cold feet.
Aren't we lucky the seasons are four?
Think of a year with one less ... or one more!"



Kodwa amafama ayesele afudukayo, ishedu
ishiywe nje yodwa kwaye kwakungasekho
nto nakuvimba. Kwathi ke kuba ubusika
babungasekudanga, iimpukwana ezincinci zaqalisa
ukuqokelela umbona namandongomane, ingqolowa
kunye neendiza. Zonke zazisebenza ubusuku nemini.


Zonke – ngaphandle kukaFufu.





“Valani amehlo enu,” watsho uFufu, ngeIixa enyuKa elityeni elikhulu. “Ngoku, ndinithumela imitha yelanga. Niyakuva ukukhanya kwayo okubugolide . . .?”
Ze ngeIixa uFufu ethetha ngeIanga iimpukwana ezine ezincinane zaqalisa ukufudumala. Ingaba yayililizwi likafufu? Ingaba yayingumlingo?

“Close your eyes,” said Frederick, as he climbed onto a big stone. “Now I send you the rays of the sun. Do you feel how their golden glow . . .?”
And as Frederick spoke of the sun the four little mice began to feel warmer. Was it Frederick’s voice? Was it magic?



“Frederick, why don’t you work?” they asked.
“I do work,” said Frederick. “I gather sun rays for the cold dark winter days.”

“Fufu, kutheni ungasebenzi nje?” zabuza iimpuku.
“Ndiyasebenza,” watsho uFufu. “Ndiqokelela imitha yelanga ukulungiselela iintsuku zobusika ezibandayo nezimnyama.”

“And how about the colours, Frederick?” they asked anxiously.

“Close your eyes again,” Frederick said. And when he told them of the blue periwinkles, the red poppies in the yellow wheat, and the green leaves of the berry bush, they saw the colours as clearly as if they had been painted in their minds.

“Kwathini ke ngemibala, Fufu?” zabuza iimpuku ngonxunguphalo.

“Valani amehlo enu kwakhona,” watsho uFufu. Uthe xa ezixelela ngeentyatyambo ezithile ezizuba, nangemibala ebomvu edubulayo kwingqolowa emthubi, nangamagqabi aluhlaza esihlahla samaqunube, zayibona imibala ngokucacileyo ezingqondweni zazo iimpukwana.



Reading club corner

As 2018 comes to an end, it is good to look back on the year! It's a time to remember the fun you have had together at your reading club and to celebrate its achievements. Here are some ideas to help plan and run an end-of-year reading club celebration!

1. Decide what you are celebrating.

What will you celebrate? Here are some suggestions. Celebrate:

- ★ your club's achievements, both big and small.
- ★ the contribution each member has made to your club.
- ★ the contributions your club has made to the wider community.

2. Plan the event.

- ★ Involve all the volunteers in the planning.
- ★ Decide on the date, time and venue of your event. Choose a venue that is safe and easy for everyone to get to. If it is indoors, choose a venue that you can decorate, like a church hall or community hall, or a classroom.
- ★ Choose a theme for your event and decide how you will decorate the venue.
- ★ Decide whether you will give out certificates to club members for attendance and/or special achievements.
- ★ Decide what entertainment there will be.
- ★ Decide how you will let everyone know about the event – and how they will let you know if they are coming.

Entertainment ideas

- Storytelling and poetry reading by club members or adults
- Acting out a story
- Face painting
- Games
- Songs

Ideas for decorating an indoor venue

- Colourful paper chains made by the children
- Balloons
- The children's art and drawings
- Cardboard face masks of story characters made by the children
- Posters
- Book reviews written by the children

3. Involve others.

- ★ Invite other adults to help at the event. Remember to invite the children's parents and other caregivers, teachers, librarians and school principals so that they can support and promote your reading club in 2019!
- ★ Ask local businesses to donate snacks, drinks and other items for the event. Or ask them to donate money so that you can buy the things you need.
- ★ Remember to organise a team to clean up the venue after the event.

Things you might need

- Invitations
- Certificates
- Decorations for the venue
- Tables for the snacks and cooldrink
- Chairs or blankets to sit on
- A sound system, if your venue is very large or outdoors
- Snacks and drinks
- Bags to put rubbish in and other materials for cleaning up afterwards

4. Draw up a programme for the event.

- ★ Have a start and finish time for each item on the programme.
- ★ A good programme has a welcome speech (about 5 minutes) and a short talk (no more than 15 minutes) about the club's highlights for the year as well as plans for the next year. Decide who these speakers will be. Think about including older children as speakers.
- ★ If you are handing out certificates, allow time for this and decide who will do it.
- ★ You'll need plenty of time for everyone to enjoy the entertainment and snacks.

Ikona yeklabhu yokufunda

Njengoko unyaka wama-2018 usiya esiphelweni, kuhle ukuwujonga emva! Eli lixesha lokukhumbula ulonwabo ebeninalo kwiklabhu yokufunda yakho nokubhiyozela izinto eniphumelele kuzo. Nazi ezinye izimvo ezinokunceda ngokuqhutywa kombhiyozo wokuqakumbela-unyaka weklabhu yokufunda!

1. Yenzani isigqibo ngento eniyibhiyozelayo.

Niza kubhiyozela ntoni? Nanga amacebiso athile. Bhiyozelani:

- ★ izinto ephumelele kuzo iklabhu yenu, ezinkulu nezincinane.
- ★ igalelo elifakwe lilungu ngalinye eklabhini yenu.
- ★ iminikelo yeklabhu yenu eluntwini ngokubanzi.

2. Yenzani isicwangciso setheko.

- ★ Bandakanya onke amavoluntiya kucwangciso.
- ★ Yenzani isigqibo ngomhla, ixesha nendawo yetheko lenu. Khethani indawo yendibano ekhuselekileyo nefikeleleka lula kuye wonke umntu. Ukuba ingaphakathi endlwini, khethani indawo eninokuyihombisa, njengecawa okanye iholo yoluntu, okanye igumbi leklasi.
- ★ Khethani umxholo wetheko lenu ukuze nenze isigqibo ngenhlela eniza kuyihombisa ngayo indawo yetheko.
- ★ Yenzani isigqibo sokuba ingaba niza kunika amalungu eklabhu izatifikethi zokuzimasa itheko na kunye/okanye ezempumelelo yohlobo olulodwa.
- ★ Yenzani isigqibo ngokuba zeziphi izinto zokuzonwabisa eziya kuba khona.
- ★ Yenzani isigqibo ngenhlela eniya kwazisa wonke umntu ngetheko elo – nendlela abaya kunazisa ngayo ukuba ingaba bayeza na.

Izimvo ngenhlela zokonzwaba

- Ukubaliswa kwamabali nokwenziwa kwemibongo ngamalungu eklabhu okanye ngabantu abadala
- Ukudlala ibali
- Ukupeyintwa kobuso
- Imidlalo
- Iingoma

Izimvo ngokuhombisa indawo yetheko yangaphakathi endlwini

- Amatsheyini amaphepha amabala-bala enziwa ngabantwana
- Tibhaluni
- Izinto zobugcisa bobuchule babantwana nemizobo
- Izigqumathelo zobuso zekhadibhodi zabalinganiswa bamabali ezenziwa ngabantwana
- Iipowusta
- Iingxelo ngeencwadi ezibhalwe ngabantwana

3. Bandakanyani abanye.

- ★ Memani nabanye abantu abadala ukuba bancedise ethekweni. Khumbula ukumema abazali babantwana nabanye abagcini babantwana, ootitshala, iingcali ezisebenza kwilayibrari neenqununu zezikolo ukuze baze kuxhasa futhi bakhuthaze iklabhu yokufunda yenu ngowama-2019!
- ★ Celani amashishini endawo ukuba anikele ngamashwamshwam, ngeziselo nangezinye izinto ezidingeka ethekweni. Okanye bacele ukuba banikele ngemali ukuze nithenge izinto enizidingayo.
- ★ Khumbulani ukwenza izicwangciso zokuba iqela lenu licece indawo yetheko nakuba nigqibile.

4. Zobani inkqubo yetheko.

- ★ Yibani nexesha lokuqalisa nelokugqiba umba ngamnye okwinkqubo.
- ★ Inkqubo efanelekileyo inentetho yokwamkela abantu (malunga nemizuzu emi-5) kunye nentetho emfutshane (ingadluli kwimizuzu eli-15) ngeziganeko eziphambili zonyaka malunga neklabhu ngokunjalo nezicwangciso zonyaka ozayo. Yenzani izigqibo ngokuba ezi zithethi ziya kuba ngoobani. Cingani nangabantwana abadadlana abanokuba zizithethi.
- ★ Ukuba ninikela ngezatifikethi, vumela ixesha lokwenza oko futhi nenze isigqibo ngokuba kuya kwenziwa ngubani oko.
- ★ Uya kudinga ixesha elide lokuba wonke umntu onwabele izinto zokonzwaba namashwamshwam.

Izinto onokuzidinga

- Izimemo
- Izatifikethi
- Izihombiso zendawo yetheko
- Iitafile zamashwamshwam neziselo ezibandayo
- Izitulo okanye iingubo ekuza kuhlalwa kuzo
- Umatshini womculo, xa indawo yetheko inkulu kakhulu okanye xa kubhiyozelwa phandle
- Amashwamshwam neziselo
- Iingxowa zokufaka inkunkuma nezinye izinto zokucoca indawo yetheko kwakugqitywa

The lion and the monkey



By Ikeogu Oke ✨ Illustrations by Jiggs Snaddon-Wood

One day Grandpa wanted to teach us a lesson about trust and gratitude, so he told us a story about the lion and the monkey ...

The lion and the monkey lived in a thick jungle. The lion roamed the jungle floor, while the monkey lived in the treetops. One day the lion saw some meat on top of a banana leaf on the jungle floor. "There's a free and easy meal for me," he thought.

The lion moved towards the middle of the banana leaf, but as he sunk his teeth into the meat, the ground gave way beneath him. Together with the meat and the banana leaf, he fell into a deep pit.

"How was the lion to have known that a free meal is not always free; that an easy meal is not always as easy as it seems?" commented Grandpa. "How could the king of the jungle have known that a hunter had dug a deep pit and covered it with the banana leaf, then placed the meat in the middle of the leaf and covered the leaf with sand to disguise it?"



The pit was so narrow that the lion could only stand upright, on his hind legs. He made frantic efforts to climb out of the deep pit, but with each attempt the red soil crumbled under his claws and he sank back to the bottom of the pit. The exhausted

lion was still there at dusk when suddenly he saw a tail pass by. The tail belonged to a monkey who had jumped over the pit. The lion called desperately for help.

"What is the royal one doing in such a deep dark place?" asked the monkey looking into the pit.

"I fell in," said the lion in a weak voice. "I have been here all day. Please help me."

The monkey hesitated and started to walk away, but the lion begged him again. Then the monkey said, "I am told that all the animals that ever did you a good turn, never lived to tell the story."



"I know you are too smart to believe lies told by my enemies," said the lion. "Please, please help me."

In the end the monkey took pity on the lion and lowered his tail into the pit like a rope. The lion held on to the monkey's tail and climbed up it. But even when he was out of the pit, the lion hung onto the monkey's tail.

"Let me go! Haven't I helped you out of the deep pit as you begged me to?" the monkey asked the lion.


But the lion tightened his grip on the monkey's tail even more, and when the monkey looked into the lion's eyes, he saw the look of hunger. "Please let me go!" the monkey cried. But the lion's grip only got tighter.

Suddenly, an old woman appeared. She was on her way to her farm when she saw the animals arguing. She stopped and asked them why they were quarrelling. The monkey told her how he had helped the lion out of the deep pit. "But now he is holding onto my tail and he won't let me go," he complained.

"Is this true?" the old woman asked the lion. The lion nodded in agreement. Then the old woman said to the monkey, "Clasp your hands and say, 'I am about to die for my kindness. I am about to die for my kindness.'" So the monkey did this.

The old woman then turned to the lion and said, "Clasp your paws and say, 'Someone is about to die for his kindness. Someone is about to die for his kindness.'" The lion raised his free front paw and repeated the old woman's words.

"No!" said the old woman. "I said clasp your paws, and I mean your two front paws, and then say the words." As the lion obeyed her command and clasped his paws, the monkey escaped and ran away. The lion chased the monkey until the monkey climbed up a nearby tree. Crestfallen, the lion looked back at the spot where they had seen the old woman, but she was no longer there.



Grandpa paused and looked at our faces that had suddenly lit up at the happy ending for the monkey.

Ingonyama kunye nenkawu

Libali likaIkeogu Oke ✨ Imifanekiso izotywe nguJiggs Snaddon-Wood ✨ Liguqulwe esiXhoseni nguNobuntu Stengile


Ngenye imini uTatomkhulu wayefuna ukusifundisa isifundo sokuthembeka nokuba nombulelo, ngoko ke wasibalisele ibali lengonyama nenkawu ...

Ingonyama nenkawu zazihlala kwihlathi elishinyeneyo. Ingonyama yayizula ihlathi lonke phantsi, lo gama inkawu yayihlala phezu ezincotsheni zemithi. Ngenye imini ingonyama yabona iqatha lenyama libekwe phantsi kwigqabi lomthi webhanana. "Naku ukutya okusimahla nokundizele lula ndingakusebenzelanga," yacinga njalo.

Ingonyama yasondela embindini wegqabi lebhanana, kodwa yathi nje ukuba ilume ngamazinyo ayo, suka umhlaba wavuleka phantsi kwayo. Yatshona kuloo mngxuma unzulu ingonyama neqatha elo lenyama kunye negqabi lebhanana.

"Yayingayazi njani ingonyama into yokuba ukutya okusimahla akusoloko kusimahla; nokutya okufumaneka lula akufumaneki lula njengokuba kubonakala njalo?" watsho uTatomkhulu.

"Wayengakwazi njani ukumkani wasehlathini, ukuba umzingeli wombamba umngxuma onzulu waza wawugquma ngegqabi lebhanana. Emva koko wabeka inyama esazulwini segqabi lebhanana waza igqabi waligquma ngentlabathi ukuze umgibe ungabonakali?"



Umngxuma wawumxinwa kangokuba ingonyama yayikwazi ukuma nkqo kuphela, imi ngemilenze yayo yangasemva. Ingonyama yazama ukuphuma kulo mngxuma unzulu, kodwa ngomtsi ngamnye umhlaba obomvu wawudilika udilizwa

ziinzipho zayo ize iphinde iyokuwela ezantsi emngxunyeni. Ingonyama ediniweyo yayisahleli apho kuloo mngxuma unzulu ngorhatya ukubona kwayo umsila ugqitha. Loo msila yayingumsila wenkawu eyayitsibe umngxuma. Ingonyama yakhwaza icela uncedo.

"Kumkani wenza ntoni emngxunyeni onzulu nomnyama kangaka?" yayibuza ngelithshoyo inkawu, ijonge emngxunyeni.

"Ndiwele apha," yatsho ingonyama ngelizwi elibonakalisa ukuphelelwa ngamandla. "Kudala ndilapha okoko kwakusasa. Nceda undisindise."

Inkawu yathandabuza yaze yasuka yahamba, kodwa ingonyama yazinga ngokuyicenga. Yathi inkawu engonyameni, "Kuthiwa zonke izilwanyana ezakhe zakunceda, zange ziphile ukuze zikwazi ukubalisa elo bali."

"Ndiyazi ukuba ukrelekrele ukuba ungakholelwa kubuxoki obuxelelwa ziintshaba zam ngam," yatsho ingonyama. "Nceda undisindise."

Ekugqibeleni inkawu yayisizela ingonyama yaza yafaka umsila wayo emngxunyeni ukuze usetyenziswe njengentambo. Ingonyama yabambelela kumsila wenkawu yagwencela, yenyuka yaphuma. Kodwa yathi naxa sele iphumile emngxunyeni yaqhubeka iwubambe nkqi umsila wenkawu.

"Ndiyake! Andikuncedanga na ndakukhupha emngxunyeni onzulu njengoko ubundicelile?" inkawu yabuza ingonyama.

Kodwa ingonyama yawuqinisa ngakumbi umsila wenkawu. Yathi inkawu xa ijonga ingonyama emehlweni, yabona indlela ingonyama eyayilambe ngayo. "Nceda undiyeke ndihambe!" yakhala inkawu. Kodwa ingonyama yaye iwuqinisa ngakumbi umsila wenkawu.

Ngephanyazo kwathi gqi ixhegokazi. Lalisendleleni eya kwifama yalo ukubona kwalo ezi zilwanyana zibini zixambulisa. Lema labuza ukuba zilwela ntoni na. Inkawu yalichazela indlela ethe yanceda ngayo ingonyama yayikhupha emngxunyeni onzulu. "Kodwa ngoku ibambe nkqi umsila wam ayifuni kundiyeka ndihambe," yakhazela.

"Ingaba oku yinyaniso?" ixhegokazi labuza ingonyama. Ingonyama yanqwala ivuma. Ixhegokazi lathi kwinkawu, "Dibanisa iintupha zakho uthi, 'Ngoku ndiza kufa ndifela inceba yam. Ngoku ndiza kufa ndifela inceba yam.'" Ngokwenene ke, inkawu yenza njalo.

Ixhegokazi laguquka labhekisa kwingonyama lathi, "Dibanisa iintupha zakho uthi, 'Kukho oza kufa efela inceba yakhe. Kukho oza kufa efela inceba yakhe.'" Ingonyama yanyusa inqina layo elingabambanga nto yaphinda oko yayikuxelelwa lixhegokazi.

"Hayi!" latsho ixhegokazi. "Ndithe dibanisa iintupha zakho, kwaye ndithetha iintupha zakho zamanqina omabini angaphambili, uze uthethe la mazwi." Lo gama ingonyama ithobela umyalelo wexhegokazi idibanisa iintupha zayo, inkawu yaphuncuka yabaleka yemka. Ingonyama yayileqa inkawu yade yakhwela emthini owawukufutshane. Idakumbile, ingonyama yabheka ijonga kwindawo ababelibone kuyo ixhegokazi, kodwa ixhegokazi lalingasekho apho.



UTatomkhulu wanqumama wasijonga ebusweni, wasifumana sibonakala sichwayitile kuba inkawu isindile kwingonyama ekhohlakeleyo.



Nal'ibali fun Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali



1.

★ Be a word detective and find these things in the story, *Frederick*.



- a) five kinds of animals: _____
- _____
- b) four seasons: _____
- _____
- c) six colours: _____
- _____
- d) three numbers: _____
- _____
- e) a month of the year: _____
- f) two things that are in the sky: _____
- _____

★ Yiba ngumcuphi wamagama ngokufumanisa ezi zinto ebalini elithi, *UFufu*.


- a) iintlobo ezintlanu zezilwanyana: _____
- _____
- b) amaxesha amane onyaka: _____
- _____
- c) imibala emithandathu: _____
- _____
- d) amanani amathathu: _____
- _____
- e) inyanga yonyaka: _____
- f) izinto ezimbini ezisesibhakabhakeni: _____
- _____



2.

★ Can you help? The children's balloon strings have got mixed up. Work out which colour balloon belongs to which child.

★ Unganceda? Imitya yebhaluni yabantwana iphothene. Fumanisa ukuba ngowuphi umbala webhaluni womntwana ngamnye.



Neo
uNeo

Bella
uBella


Priya
uPriya

Afrika
uAfrika

3.

★ Which two cupcakes are exactly the same?

★ Zeziphi iikhaphukeyiki ezimbini ezifana twatse?



Don't forget that we will be taking a break until the week of 13 January 2019. Enjoy the holidays, and join us after the holiday for more Nal'ibali reading magic! In the meantime, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi to find stories and reading-for-enjoyment inspiration.



Visit us on Facebook:
www.facebook.com/nalibaliSA
Sindwendwele kwikhasi
lethu likaFacebook:
www.facebook.com/nalibaliSA

Ungalibali ukuba siza kukhe sithathe ikhefu kude kube yiveki yomhla we-13 kweyomQungu kowama-2019. Yonwabela iiholide zakho uze usijoyine kwakhona emva kweholide ukuze ufumane ubugqi obongezelelekileyo bokufunda bakwaNal'ibali! Okwalo mzuzu, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi ukuze ufumane amabali kunye novuselelo lokufundela ukuzonwabisa.

Produced for Nal'ibali by the Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Tiso Blackstar Education. Translation by Kholisa Podile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

Daily Dispatch

The Herald

Sunday Times

SW
The best
Sunday
World



Drive your
imagination